COOKHOUSE WINDFARM

Q2 2023

ISIGIDIMI SEENDABA

UKUBHIYOZELA **IMPUMELELO**

Sivuyisana noXolani Tshayana, umfundi okrelekrele osemncinci waseCookhouse, ngokufumana iNational Diploma in Information Technology eYunivesithi yaseWalter Sisulu ngoMeyi ka-2023.

I-BTE Renewables neCookhouse Wind Farm zasebenzisana ukuqinisekisa ukuba lo ibe ngumsitho uXolani angenakuze awulibale, ngokuxhasa ngemali izithuthi kumsitho wothweso lwezidanga eMonti kunye nangesambatho semfundo, ukuququzelelwa komsitho wothweso lwezidanga, kunye nokuqinisekisa ukuthathwa kweefoto ngumntu oqinisekisiweyo kumsitho lowo. Umsitho wothweso lwezidanga ubanjwe ngoMeyi ngomhla wesi-3, 2023, eMonti, kwaza kwalandela umbhiyozo wengingqi ngomhla we-10 kuMeyi , 2023.

"Abahlali baseCookhouse badibana ukuxhasa uXolani ekulandeleni kwakhe imfundo ephakamileyo. Bekufanelekile ukuba siyibhiyozele le mpumelelo kunye naye nosapho lwakhe. Sithathe isigqibo sokuba sibandakanyeke kweli linge kuba sikholelwa ukuba abekho abemi abanokuqhubela phambili ngaphandle kwemfundo," **utshilo uLifa Baskiti, i-CLO yeCookhouse Wind Farm.**

UKUXHOBISA AMASHISHINI **ASAKHASAYO**

Iqela lee-SMME ezili-16 lithweswe izidanga kutshanje njengenxenye yeLinge loPhuhliso lwabaBoneleli (Supplier Development Initiative), ngokuhlangeneyo lixhaswe ngemali yiCookhouse Wind Farm kunye neSuzlon.

Emva kweminyaka emibini yokuzimasa amacweyo kunye nokugqiba imisebenzi emiselweyo, aba somashishini basebenza ngokuzimiseleyo benzelwa umsitho wothweso lwezidanga, eDuke of Hotel Inn, eBedford, ngoEpreli ka-2023. Lo msitho kwakhona waba luphawu lokuphehlelelwa kweqela elitsha lee-SMME elimiselwe ukuqhuba uqeqesho phantsi kweloo linge linye.

"Sivakalisa umbulelo ongazenzisiyo kwiqela lokuqala ngokomelela kwalo. Inkqubo yaqalisa phakathi kwaloo maxesha angumngeni kabhubhane we-Covid-19, kwaye bazingisa nakwezo zithintelo zininzi. Kweli ixesha, sijolise kumashishini olutsha, nanjengoko uphando lubonakalise umsantsa obonakalayo kushishino lolutsha lwasekuhlaleni," **utshilo uLifa Baskiti, i-CLO yeCookhouse.**

UQEQESHO LWEENGCALI **LWESIKHOKELO NGEZAMAKHONDO OMSEBENZI ONOKULANDELWA**

Ootitshala bezikolo zengingqi zamabanga aphezulu, kutshanje baye badibana eDuke Hotel eBedford ngoqeqesho olwalubhexeshwa yiPace Career Centre, olwalujonge ekuxhobiseni ngezakhono izikolo ukunikeza isikhokelo ngamakhondo omsebenzi onokulandelwa.

Umsitho lowo waqala ngokuthiwa thaca kweziqinisekiso kwiitshala ezazizimase inkqubo leyo kunyaka ongaphambili. Injongo yale projekthi kukuqeqesha iiNgcali zesiKhokelo seKhondo loMsebenzi onokuLandelwa ezine, ibe nye kuso ngasinye kwizikolo ekujoliswe kuzo. Ezi ngcali ziza kunceda ukuvala umsantsa wolwazi zize zincede abafundi ukuba balandele amakhondo abo omsebenzi onokulandelwa abawalangazelelayo. Uqeqesho kwakhona luza kuqinisekisa ukuba isikolo ngasinye sinenani elaneleyo lootitshala abaxhotyiswe ngokukhokela abafundi ekukhetheni kwabo amakhondo omsebenzi onokulandelwa.

Le nkqubo yoqeqesho, exhaswa ngemali yiCookhouse Wind Farm kwaye ephunyezwa yiSomeone's Perfect Success, yayijolise kwiSikolo samaBanga aPhezulu iSipho Camagu esiseAdelaide; kwisiKolo samaBanga aPhezulu iLonwabo esiseBedford; iziKolo zamaBanga aPhezulu iCookhouse neJohnson Nqonqoza eziseSomerset East.

Aba bantu batsha bazinikele ekwenzeni umahluko kwaye bayinkuthazo kwingingqi yabo.

UPHUHLISO **LOLUTSHA**

Njengenxenye yenkqubo yoqeqesho lokulima izinto ezitywayo egadini, okuyinxenye yelinge loPhuhliso lwezaKhono zoLutsha (Youth Skills Development), abantu abane abanomdla nabazimiseleyo kubahlali bengingqi yaseCookhouse, yaseNojoli, yaseAdelaide neyaseBedford, baye badibana ukwenza impembelelo elulutho kwingingqi yabo.

Injongo yenkqubo yayikukuqondisa ngokunzulu iinkqubo zokulungiselela usetyenziso ngokutsha nezokufumaneka kokutya ngeenkqubo zokulima ukutya egadini ezizinzileyo.

Ngequmrhu elingenzi nzuzo labo elisanda kumiselwa, esi sine sijonge ukudala imekobume engcono size siphucule ubomi bolutsha ekuhlaleni. Amalinge aso okuqala abandakanya ukuphehlelelwa kweprojekthi yokulima ukutya egadini nokumisela iplanti yokulungiselela usetyenziso ngokutsha kwisikolo samabanga aphantsi sengingqi.

2023 IINDIBANO ZOLUNTU **EZIZAYO**

Linkcukacha malunga neendibano ezizayo ziza kuncanyatheliswa kwiibhodi zezaziso zoluntu.

UCAZULULOU IWENKCITHOMALI **YEKOTA**



NXULUMANA **NATHI**

12 Main Road Cookhouse

Ngeyure zokusebenza: 08:30 -17:00

Umnxeba: +27 42 247 2961

UMncedisi weMisebenzi yoLuntu | Adelicia Horne

Adalicia.horne@cookhousewind.co.za

Igosa lezoNxibelelwano loLuntu | Lifa Baskiti

lifa.baskiti@cookhousewind.co.za